Yintoni Engekhoyo Kulo Mfanekiso?

Funda iZenzo 9:36-41. Ziziphi izinto ezintathu eziphosakeleyo kulo mfanekiso? Bhala iimpendulo zakho kule migca ingezantsi uze ufake umbala.

1 .....

2 .....

3 .....

INTO EKUNOKUNCOKOLWA NGAYO: **Liliphi elinye igama abizwa ngalo uTabhitha yaye atheth' ukuthini amagama akhe?** INKCAZELO ENOKUKUNCEDA: Funda incwadi ethi 'Ukunikela Ubungqina Obucokisekileyo' NgoBukumkani BukaThixo kwiphepha lama-67 isiqendu sokuqala. **Ngaba uTabhitha wayezingca? Cacisa.** INKCAZELO ENOKUKUNCEDA: Funda IZenzo 9:36, 39. **Angqineka njani eyinyaniso kuTabhitha amazwi kaYesu afumaneka kuLuka 6:38? Unokuwuxelisa njani umzekelo wakhe?** INKCAZELO ENOKUKUNCEDA: Funda amaEfese 4:28; Yakobi 2:14-17.

OKUNOKWENZIWA YINTSAPHO: **Ilungu lentsapho ngalinye malicinge ngomntu elingathanda ukumpha isipho. Emva koko malilungise isipho eliza kumpha sona. Ngokomzekelo, lisenokwenza ikhadi elibhalwe indinyana yeBhayibhile.**

1. UPetros akazange ame xa wayethandaza; wagqua ngamadolo. **2.** Amabhinqa (abahlolokazi) aboniса uPawulos izambatho ezazenziwe nguTabhitha kungekhona izinto ezibunjiwe ngodongwe. **3.** UPetros wathandaza eyedwa kungekho bantu kwelo gumbi.

www.jw.org © 2011 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania